

ELIPEPWA LIPUMPA

NGOLWESI-NE

IVEKI ZONKE

Lijonge Ilungelo Lomzi kupela.

Limele imfanelo ya Bantsundu ngapandle koloyiko.

Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

[Vol. XIII, No. 685

BAKER, BAKER & CO. IMPAHLA EZINTSHA.

Imiqulu Engama 350 ye Mozleni Emhlope nezi Krim, nge 4 ½ d, 5d, 6d, 7 ½ d, 9d, 10d ne 1/- nge yadi enye.

Iprinti Ezintsha, 5d, 6d, ne 7 ½ d nge yadi enye

Izephyrs ezi Pinki nezi Blowu, ezingena buqenene, ezinemigca etetshuqu, nezincinane, 5d, 7 ½ d, 9d, ne 10d nge yadi enye.

Emitsha imichako yokwenza ihempe, 5d, 6d, 7 ½ d ne 9d nge yadi enye.

Ezintsha i Flannelettes ezi Pinki, nesi Blowu, nezi Krim, Nezimhlope, 5d nge yadi enye.

Isilika Ezimhlope nezi Krim, Zokutshata zona, 10 ½ d, 1/-, 1/2,1/3,1/4 ½,1/6,1/11, 2/6 nge yadi.

Idazini ezilikulu le Zambreli Zelanga (Ezimhlopi), Nezambreli Zemvula; ziko ezamanani onke.

Iminqwazi Yesitroyi emitsha engama 750.

IMPAHLA EZINTSHA

KWA

Baker, Baker and Co.,

I-Ofisi Yokuquba Umsebenzi Wezaziso

nokunika Amacebo ngezinto ngezinto.

CAMPBELL- BROS.,

E QONCE nase JOHANNESBURG,

Bangababali, Nabapicoti, Nababuti bemali ezibalweywo; Abameli EMATYALENI, Kwezomhlaba, EMSEBENZINI, Emafeni, Ezimalini, Empahlani, Imveliso Yomhlaba, Ngabameli kwinto yonke (Commission and General Agents).

BAZIMISELE ukunyamekela yonke into abayibalwezwayo, kanjalo abazingcibi kwimisebenzi yezandla, abawazi kakuhle umsebenzi wokumba emingxenyeni, Abasebenzi, nezicaka zezindlu ezifuna umsebenzi, abanga inododa kwanamankazana. Omhlopo nontsundu *bofumana kulilungelo* ukufe bafike kwi Ofisi nabo ekuhlanganeni kwe ALEXANDRA ROAD ne CATHCART STREET, nakwa M. D. SOGA, e-Bank Street.

Abapati bemingxuma bozuza icham elikulu ngokuya kwaba bamagama abalwe ngasentlapa. Ngo Cingo: *LORNE. P.O. BOX 5.

Beauchamp, Booth & Co., E QONCE.

Siyanzisa ukuba siwafezile amalungiselelo ebe siwenza sine

Mpahla Ezintsha

I GERMAN PRINTS, ezona zilungileyo yi i yadi.

IZITAFU Ezipindiweyo (double width) intlobo zonke zamabala yi 1/- iyadi (ngamanani alula).

ITYALI ezintsha zoboya ezisandulu kufika zenziwe kakuhle ziqala kwi 4/- ziye kwi 40£ inye.

IHEMPI eziyi micako ezomeleleyo ye 6d 7 ½ d 9d, nge yadi.

ILOKWE ZOKUTSHATA esenziwe kade ziqala kwi £1 5s, zide yiye kwi £5, zinako noku-odolwa ze zenziwa kwa oko.

IVEYILE ZABATSHAKAZI, intyantyambo.

IZIHLANGU ne SHOES nayo yonke into enga funekayo yomtshato.

Yizani Kubona Isitora setu esikulu esitsha

Beauchamp, Booth & Co; Late JOHN J IRVINE & cO

IMVO NELISOLOMZI.

(NATIVE OPINION AND GUARDIAN.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories, KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, THURSDAY, DECEMBER 9, 1897.

INTSHUMAYELO.

NGU MHLEKAZI U SIR ALFRED MILNER,

Ilungu le Nkundla Epakamileyo yo Mntan’ Omhle Knight Grand Cross yelona iqela libalulekileyo lo Saint Michael no Saint George, u Mnumzana we Buto le Bath. Irluneli no Mpati oyi Ntoko we Koloni yo Mntan’ Omhle yase Cape of Good Hope e Safafika, nana Zwana kwakunye nezi Baxa zawo, u Mpatiswa Mikosi yo Mntan’ Omhle apa e Safafika, njalo njalo, njalo njalo, njalo njalo.

NGAMAGUNYA akum, ndiyashumayela, ndivakalisa ndisazisa, okokuba u Mntan’ Omhle wanelisiwe kukuvumela aqinisekise u Mteto ekutiwa ngu “Mteto Wokwazisa Amagunya e Ruluneli ngokumayela nokushunyayelwa kwe Mteto kumazwe a Pesheya kwe Neiba eba Tenjini nasema Mpondweni,” wamkelwe yi Palamente yase Cape of Good Hope, waziwe ngapantsi apa.

TIXO SIKELELA INKOSAZANA! Ibekwe isandla sam ne Tywina Lakomkulu le Koloni yase Cape of Good Hope, ngomhla we 22 November, 1897.

A. MILNER, Irluneli.

Ngomyalelo wo Mhlekazi Irluneli e Bungeni.

T. TE WATER.

No. 491,1897.

Inxalenye kule Nishumayelo ingentla.

ACT No. 29 ka 1897.] [Yazisiwe ngo 23 November, 1897.

CAPE OF GOOD HOPE.

UMTETO

wokwazisa Amagunya ngokumayela ne Ntshumayelo ze Mtieto kumazwe a Pesheya kwe Neiba, eba Tenjini nase ma Mpondweni. — [Uvunywwe nge 13 October, 1897.

LO ulandelaye ngu Mteto owamkelwe yi Irluneli ye Cape of Good Hope, ngecebo nemvume ye Ndlu ye Ngwevu Nengapantsi (Legislative Council and House of Assembly) zayo:—

1. Nokuba yiyipina enye into engaba ku “ Mteto wokudityaniswa kwela Pesheya kwe Neiba ka 1877,” ka “Mteto wokudityaniswa kwelaba Tembu ka 1885,” no “ Mteto wokudityaniswa kwelama Mpondo ka 1894,” nokuba ngomnye u Mteto, isiqingdu sesibini so Mteto ngamnye kulo ikankanywe ngentla apa, siyakufundwa siqinisekisiwe njengokungati Irluneli igunyazise, yi Ntshumayelo, ukuroxisa, iguqule, yongeze, ilungise i mtieto, Izimiselo ne Miyolelo ekoyo kumazwe a Pesheya kwe Neiba, eba Tenjini nakwelama Mpondo, nengati emva koku ibeko, nokwenza imiteto emitsha kulomazwe akankanyweyo nokuroxisa, iguqule yongeze ifungise lo Mtieto; nakuyakuti nangayipina i Ntshumayelo yelohlobo Irluneli ibe nokugunyaza ukubanjwa kwaoko nokugeniwa kwindawo etile pantsi kwemigaqo etile, engati Irluneli iyimisele kumntu nokuba nguupwina engati yanefisele kukuba abhukane, ngomgaqi kuxolo lwe lizwe; ze kodwa nokoke, aiti nawuphila umntu obanjwe ngoluhlobo, okanye ogcinwiwe emva kwenyanga ezimatu kususela mhla wabanjwa pantsi kwe Ntshumayelo nase Nkundla Epakamileyo yama tyala ala Koloni ukuba akululwe, esiyakuti esosicelo samkelwe yilo Nkundla, ukuba umntu wolohlobo akagcinwe nge *waprran* ekutshwe ngo Mteto, engapandle kwi Ntshumayelo, okanye pantsi kwamandla o Mteto nawupina we Palamente ogunyaza ukuba ake abuye agcinwe lomntu ngokwe mgqaliselo yalo Mteto.

2. Zonke Intshumayelo ukususela ngoku kuse pambili, ezikutshwe yi Ruluneli nezisaza kukutshiwa pantsi nangamandla emigqaliselo yalomiteto, ziyakubalwa ukuba zikutshwe ngoko Mteto, nazo zonke izinto ezenziweyo pantsi nangamandla e Ntshumayelo nawupina engati yenziwe, ziyakubalelwa ukuba zenziwe ngoko Mteto; ukuba kodwa akukonto kuzo eyakubalelwa ukuba iqinisekisa i Ntshumayelo eyati ngo 1895 Inkesi yama Mpondo u Sigaau yabanyavuzeniwa ngayo.

3. Lomteto uyakufundwa njengo Mteto omnye nalo Mteto selukankanywe ekungatyiwa ngu “ Mteto wamazwe a Pesheya kwe Neiba, eba Tenjini nase ma Mpondweni, ka 1897.”

Imihlaba Elahlileyo

ISAZISO SAKOMKULU—No. 1079,1897.

Kwi Sebe Lokutima, Cape of Good Hope, 18 November, 1897.

KUYAZISWA kuba bonke abantu, ngokwesiqingdu sokugala “ Sonneto we Mhlaba Elahlileyo,” ongu No. 3 we 1879 owahlonyelwa yimtiteto No. 24 ka 1887. No. 15 we 1895, okokuba ezizwenza zilandelayo zemihlaba, zikumandla wase Komani, sezinjenge lahliweyo ngokomteto, nokuba ke ku Rulumente uyakubuye azitabatele kuye ngomhla we 18 ku MAY, 1898, ukuba pambi kweloxesha akubangako bayibangayo bahlaule nerafu ezilithyala kumantyi walomandla, njengoko kufuneka njalo kwesi siqingdu sesikankanyive salomteto.

CHARLES CURRY, Umbhali Ongapantsi kwi Sebe Lokutima.

Lomhlaba ukwi Okkraal ne Kamastone Location, kumandla wase Komani, obalwela ukuba ulahlile.

Sukwana, Isiza lot 18, ububanzi 141 sq. rds 100’S sq ft.; intsimi lot 128 ububanzi 2 morden 552 sq rds; irafu elithyala £5 1s 1d ukususela ku 17 April, 1891. Iqama lomnini mhlaba, okanye umntu ekutandatyazelwa ukuba nguye ngu Sukwana.

C. A. Jay & Co.

BASE QONCE.

BAFIKELWA ngevekhi zonke zinqanawa eziza nempahla zentsimbi.

Izinto zokusebenza, zentlobo zonke, zawo onke amashishini Izitya—Ezegilasi, Ilampu, Iparafni, Amagaba, Imihlakulo, yentlobo zonke, Amazembe, Ibedsteads njalo-njalo.

YIZANI KUZIBONELA.

UKUBA UNGA

IKLOKO YAKO ne ’ WOTSHI YAKO

ZINGAHLANJWA !

—YIYA KU—

N. MEYER,
CAMBRIDGE ROAD, EQRONCE.

Uzenza ngokutshipu, kunjalo nje zifungelwe.

Irololwa 3/6 nge Kwata (Itunyleye ingekapeli)

4s ipele i Kwata ingarolwanga.

Unokuhlalelwa wonke Unyaka ekulveni kwawo ng e 13s 6d Izaziso Zabazweyo. Abatsatshileyo, Nemhiko, irolwala 2s 6d, zingene kanye; 3s 8d kabini; 5s katatu.

IXABISO3d.]

IZAZISO ZAKOMKULU.



ZISHICILELWA NGE GUNYA. ISAZISO SAKOMKULU.—No. 97, 1897.

Kwi Ofisi ye Nkulu yo Nocanda, E Kapa, 20 October, 1897.

NGENXA ye Siqendu sesibini so Mteto No 15 ka 1887, esite songezelelwa zisiqendu sesine, seshilanu nesisandantatu so Mteto No. 40 ka 1895, kuyaziwa ke kubo bonke ukuba eziliqwenqa zilandelayo semihlaba ka Rulumente ezikumandla wase Cumakala, ekungeneni kwe Kafir Kuils River, ziya kutelwela efanadini pambi kwe ofisi ye Mantyi yase Cumakala ngo 10 o’clock kusasa ngo MGQIBELO, 28 DECEMBER, 1897, ngokwendawo nezizigibo zalo Mteto ugentlwa, nendlela yokugqutywa kwe fandesi, nangapezu koko ngendawo ezingati zivakaliswe ngemini yefandesi.

Isiqwenga ngasinye siya kutengiswa ngenani elimiswiweyo elizi £5, noyena mtengi onani lipenzulu lingengapantsi kwelo limisiweyo yya kuvunika lomhlaba.

Kanjalo umntu lingo uyakuba nemvume yokuhlala yonke okanye imalenze yemali awutenge ngayo kwalo mntu. Ukuba

(i.) Intlualo ayrolwanga ngemini ye fandesi, isiqendu seshumi semali leyo sorolwa ngenyanga ezintandatu, sizc esinye seshumi sirolwo ngonyaka ukususela kwimini yefandesi.

(ii.) Ze kuti ukuba kunolwe imali engapantsi kwesiqingdu seshumi semali otengwe ngayo njalo mntu, esileyo kwezo siqendu seshumi yohlahlwa ekupeleni kwenyanga ezintandatu, ze isiqendu seshumi esiseleyo sihlallwe ngonyaka ukususela kumhla we ntengiso.

(iii.) Xa ite imali ehlaulweyo ngemini yefandesi yasisiqingdu seshumi semali nokuba hilipna pakati kwesiqingdu seshumi neseshilanu semali lentengiso (yomhlaba lwayo) intsalala yesiqendu seshilanu semali lentengiso iya kuhlalwa ekupeleni konyaka ukususela kumhla we fandesi.

(iv.) Xa sukuba imali yentengo ingapantsi kweponiti ezimashumi mabini aneshilanu, kufuneka irolwawe yonke njengoko njalo, kwakodwa, kungenjalo itrolwe ngemini, ezilizinganayo, ezoba nokuyigqiba ngesithuba seminyaka emntu.

Inzala kwezo siqingata zixelweyo ngentla apa yoba yi 4 per cent, ngonyaka; ukuhlalwa kwezo ziqingata ndawonye nenzala yazo kuya kulungiswa ngalomhla we fandesi, kubeko isibambiso ezibini eziya kukokalisa imantyi, eziya kuti ke ziqinisekise ukuhlalwa kwalo matyala.

Ukuba ke ute umtengi, umhlaumbi izibambiso zake azapumelela, okanye azanela. Ukuhlalwa imali yokutengwa komhlaba kwisithuba sexesha elimiswiweyo, kuya kumfanekla u Rulumente ukuba akumcike oko kutengiswa, ize ite imali ebisihlalulwe ingabalwala kwanto isike ku Rulumente.

Indleko zocando, njalo njalo, nezetatitile, yi 12s 3d, ziya kuhlalwa kwi mantyi okanye kumntu owoti amiswe kulondawo ngalomhla we fandesi.

Umtengi xa lite inani layi £25 nangepenzulu, unyanzelekile ukuba enze imvumelwano yokuba uya kurola zinaza eyakuba yi 4 per cent, ngonyaka ku Rulumente endaweni ye four-fifths yemali yentengiso, ade abe ubhatele ngomhla we fandesi ngapezu kwe one-fifth sayo, engaysitshi inzala irolwe kulo mali ingekahlalwa, wawe umtengi enako ukuhlalwa imali yemvumelwano namnina nokuba yinxalenye yayo ingengapantsi kwe £50.

Ukuba umtengi ufuna ukuba ake em ekhulweni intsalala yemali yokutengwa komhlaba kuya kufuneka enze imvumelwano yenyanga ezilishumi elimanatu ukususela kumhla we fandesi, enganyenzanga lonto yya kudlwa i 1/ yonke imhla xa selidule ixesha lomqoppiso, ekuya kuti ukuba kude kwapatelala kwinyanga ezilishumi elinesibhozo emva koko lomali iseleyo kunye ne nzala yale yokudlwa ukuba iko kufuneka cyihlule iyokuhlanganiswa nokokuba kukuyi pina inkundla, aiti ukuba akayirooli emva kwenyanga, sakuba isigwebo siwile lokubala uhlatwe ngn Rulumente, ze imali abesleyirolile ibe yeka ngu Rulumente.

Izalatiso nemigaqo yefandesi ingabonwa kwi ofisi ye Nkulu yo Nocanda e Kapa, nakweye Mantyi e Cumakala,

J. TEMPLER HORNE,

Surveyor-General.

Kumandla wase Cumakala.

Kuba Felkumati No.

Lot 7913, ongu Lot 59, kumlambo wakwa Zidenge, nbubanzi 10 morgen 459 sq rods; upela ngase N.E. ngo lot 31, ngase Zantsi nge loto 56 no 57, ngase Ntshonalanga ngo 58 ngase N.W. ngedlelo. Inani lentengiso £10 15s; indleko zocando £9 3s 9d, eye tatitile 12s 3d.

Kwintlamba ye Kubusi.

Lot 7847, ekutiwa ngu Lot 41, ububanzi 16 morgen 570 square rods; upela ngase N.E. ngo lot 39 no 40, ngase S.E. ngo lot 44, ngase S.W. ngo lot 42, ngase N.W. ngo lot 36. Inani lentengiso £50; indleko zocando £9 3s 9d, eye tatitile 12s 3d.

Lot 7848, ekutiwa ngu Lot 42, ububanzi 12 morgen 237 equate rods; upela ngase N.E. ngo lot 41, ngase 8.E. ngo lot 43, ngase 8.W. ngedlelo, ngase N.W. ngo lot 35. Inani lentengiso £37 ; indleko zocando £9 3s 9d, eye tatitile 12s 3d.

Kamazana wase Komani.

No. 5656 E F no. (Isiza) Lot 3, Block X ububanzi 39 square rods 12 square feet. Inani lentengiso £5 ; indleko zocando £1 6s, eye tatitile 12s 3d.

No. 8658 Erf No. (Isiza) Lot 10, Block X, nbubanzi 39 square rods 12 square feet. Inani lentengiso £5 ; indleko zocando £1 6, eye tsitile 12s 3d.

Isaziso Sakomkulu,

No- 1090, 3897

Colonial Secretary's Office Cape Town, Cape of Good Hope, Nov. 22, 1897.

UMHLEKAZI Irluneli wanelisiwe kukuyalelwa ukushicilelwa kwalo Myalelo wo Mntan’ Omhle e Bungeni,

obekwe ngapantsi apa, ngomhla we 18 ku October, 1897, uvumelana no Mteto obusamisiwe we Palamente yase Cape of Good Hope, ekutiwa ngu

“ Mteto Wokwazisa Amagunya e Ruluneli ngokumayela ne Ntshumayelo ze Mtieto kumazwe a Pesheya kwe Neiba, eba Tenjini, nasema Mpondweni.”

HENRY DE SMIDT, Under Colonial Secretary.

KWI BOTWE LASE BALMORAL

Ngomhla we 13 October, 1897.

ABABEKO,

IKUMKANIKAZI UMN'TAN' OMHLE ITSHAWA U PRINCE CHRISTIAN LORD JAMES OF HERFORD SIR FLEETWOOD EDWARDS.

E kubeni kwamkelwe u Mteto yindlu ye Ngwevu ne Ngapantsi ze Palamente yase Koloni yase Kapa, ekutiwa ngu “ Mteto Wokwazisa Amagunya e Ruluneli, ngokumayela ne Ntshumayelo ze Mtieto kumazwe a Pesheya kwe Neiba, eba Tenjini, nasema Mpondweni.” Ke lo Mteto ubugcinwiwe usiwe pambi ku Mntan’ Omhle e Bungeni, ekute kwabonakala ukuba lo Mteto mawamkelwe ngu Mntan’ Omhle, ke ngoko, u Mntan’ Omhle uvakalisa Imvume Yake kulo Mteto, ngalo myoleto ngecebo imvume ye Bunga Elipakamileyo lo Mntan’ Omhle.

C . L . PEEL

I Tole le “Mvo”

(“IMVO” EXTRA.)

Wuhlabe Ubemde!

UMKOSI wokokuba o Messrs. OWEN and THOMSON sebelungele ukwamkela idololo zengubo ezisikiweyo Kauze kwezi tora zetu ukuze ubone intlobo ezininzi ze patroni ze Suti ze 40s., Ibhulukwe 12s. 6d. Umntu uzinyulela i Patroni yake size ke tina simenzele Isuti eya kumlingana.

Impahla yetu entsha ye Bhola isandukufika—Onobhala bo Clubs, mababhalele kuti ukuze Sibatumele uluhlu lwamaxabiso etu e BATS, BALLS, STUMPS, SCORING BOOKS. Kubizwa amaxabiso alula kwi Clubs,

I Reketi ezintsha ze Tennis yi 7/6. Kuko ne Bhola ezintsha,

Kusandukuvulwa Iqiya ezininzi ezintsha nezintle kunene-zofunyanwa agamaxabiso onke,

Silika ezimnyama ezintsha zinkulu kanye.

OWEN and THOMSON,

LATE DYER & DYER. LIMITED.

R. R; V. JEFFREYS

IGOSA LO MANYANO

Ngabasebenzi Abantsundu, Ltd.,

E RAUTINI.

Queens Town Agency.

APA kwalitiswa izibonda nabo bonke abantu ngamalungelo kwabantsundu abangaba bafana nmsebenzi kwele Rauti (e Johannesburg nakumandla wakona) ngolumanyano olungenanto nabu gayi.

- Abantsundu banikwa imali kaloliwe, eye pass kwaneyo kuqapula ze kanjalo bamkele imali yokudla xa base luhambeni.
- Ixesha angasebenzela lona umntu alinga pezu kwenyanga ezimbini.
- Olumanyano luxasa i Komponi ezi 99, elingati iqela lamaododa anga 25 afana ukusebenza kwi Komponi etile, kuti ukuba kufanelekile atawue.
- Abantsundu abaziqeshese ngolo hlobo hayapipwa ukutya
- Ize babuyise 30. kumvuzo wenyanga zabo zokuqala.
- Umvuzo ude ufikelele kwi £3 10s. Ngenyanga.
- Abantsundu abavela e Koloni bakolisa ukuqeshelwa, umsebenzi wangapezulu.
- Akusetyenzwa nge Cawa ngapandle kokuba kuba kunyanzelekile ukuba kwenjwenjalo.

Olumanyano luyakuba hluala abantu abaziso amaqela angenga pantsi kwa 25 amadoda asiw e Komani okanye nakusipina isitishi sika loliwe. Kodwa kwaziswe ogama lingentla.

Fundan’apa mafama Ningalibali!

Idipu zika BATTLE zegusha!

ZIMINYAKA INGAMASHUMI OMAHLANU ZIKO.

NANTS’ INTO

OKAD’ UYIFUNA ”

MAFAMA, ukuba ninga ninganyanga igusha zenu ebhuleni sebenzani nge Dipu zika BATTLE, eyo-Mgubo Nengamanzi. Zezona Dipu Zegusha Zilungileyo, Zingena ngozi, Zitshipu e South Africa apa, nakulo lonke. Idipu zika BATTLE zegusha zisetyenziswa Ngamafama angawona ate putu ehlabatini; kanifunde incwadi ezingqinayo kumapetshana ashicilelweyo.

Ezika BATTLE Idipu Zegusha “azike zibulale Gusha ” ; into yazo kunyanga ibula; zilungisa uboya ; zizinika impilo negusha ngokwazo.

Sebenzani kupela ngezika BATTLE Idipu Zegusha; uqiniseke ukuba uzuze eka BATTLE, ukuba unga zinga-mhlope igusha zako zingabi nabhula.

Banayo bonke abatengisi, Pesheya kwe Nciba, nase Kokstad, Nakwindawo zonke zakwa Rulumente zempahla e South Africa.

ARTHUR and Co LIMITED,

Kupela kwe Arente e South Africa,

E-BHAYI.

I Tole le “Mvo”.

NGOLWESI-NE, DECEMBER 9, 1897.

EZENDAWO NGENDAWO.

MACLEAR.

ULINDA.—Akanjengoko sasiba wobu njalo. Kwimizi yokuqala angene kuyo wabubisa, noko kwabanye kwasala intwana, abanye wabashiya ze. Kwimizi yezibonda wabubisa. Kwa Menyö kwa Bungane bayala ukutofa, abantu abanye abala ukutofa siyakohlwa ukubavela, abantu abangavumiyö naxa sebhoniswa nangabantu bakowabo abantsundu. Batofa bona abe Sutu bekokelwa sibonda sabo u Cornelius, akukubi ke kona. Kufa nebbkwe kwa Menyö.

UTOFÖ.—Ngati luquba kuhle kanye utofö. Siyakolwa kanye ngabo bazipindleyo ezamafama, nezakwa Cornelius.

Yindwebi le nkosi bo.

BAFANA, NGAPA!—Bayafilisha abafana kubi kwi Menyö, kuba makufihlsh nongena lagu kuba zifile. Kaloku naso isitulo bafana, nganeno.

IBOLORÖ.—E NXu nase Nqanqaru zimi zigqityiwe intsika ze boloro, andazi ukuba ketekenina ngomcancato awude ugqitywe sicancate sonke sisinde ezintlanzini nako nonkala.

LIBALELE.—Ungade uti kuse busika kuyatshaza, ukutya bekukuhle.
INDLU YOKUQUBUDA.—Imali eziponti ezisibozo eziqokelelwe yinto ka Hlati ngomboloro eke yawenza apa, imali yokwaka indlu yetyalike. Sanga singapumelela isicelo se lokeshini sizokwaka indlu yetyalike.

KUDE E JOHANNESBURG. — Baninzi abaya e Johannesburg emsebenzini, emalahleni, nakwezinye idolopana ngakona apo ngenxa yokonakalelwa ngase makaya.

UKULAHLWA KWE NKÖMÖ. — Kufupi nati apa, kwezindawo bati inkomo azitengiswa ziyalahlwa, ixenye yetu iyazitenga izitofe. Iko inkolo kwesi titofu.

INDLALA.—Ngoku ingxowa sivyitenga nge 14s, apa abelungu bati yimla befuna ukukuba ukudla. Kuyoma emasimini ke mfondini, ixakile lento yanamhla.

E KAPA-

E KAPA NASE QÖNCÖ.-E Kapa nase Qönce kuyafana ngezimilo. Chorus :

d : l; d : f; d : t : d

WHY NOT CAPE TOWN ?—Siyaqala nati siyahukuma. Ikaba liqala ibola, siva ukuba u nozakuzaku ngu Mr. Vundla. Seko zake intlanganisö. Ngokunjé kubalelwa kwi Town Council ukucela umhlaba. Kummandi sakucinga ngokuba i Tumente sakuyibiza ngomnye unyaka. Push up! Push up! Cape Town, why not?

UMPATI WE KWAYA ÖWAMKELEKAYÖ.

— Iesuluzini i choir yase Wesile ngokushiywa kwayo yinjinga yompati wayo u Mr. Kildasi ngokuti agoduke. Fanokuba usekuzifuneleni izegwazana. Lama Bastile akabanga nakuzikataza ngawo. Heke nto ka Kildasi yase Magquukwebeni! Ukolisile bawo— e Home.

—Kuko indoda ayisixokisi

???? Iti e Maxbseni kuhle

???? ngaminye: Kuguquke into eninzi abantu bekusabakweni, kwagquka abakweta bonke, nabafazi ababe yeyezela nentombi, namakankata, namadoda awayebonga, nababoneli,—kakalala yonke lonto, ngoku sekumi isikolo kulondawo. Quba nkomo ukuxoka okunamandla kanwawe, kaubayale ukubasele oku. I Ayingebe na ikwanga bafutshishi, beremente bahamba bexoka besiti indawo ezitile nezitile seziguqukele kubo, nobani sebengabafundisi (lenye)?—EDITOR].

IKARI ESIMANGA.—I Kari esimanga apa kutiwa yi Motor Car igama layo. Ihamba yodwa, intle, ikwela abantu abatanatdu nabaqubi ababini, ihamba nje yodwa. Kutiwa—The Motor Car is worked by the use of benzine in conjunction with an electric battery, and the speed can be regulated from one mile to sixteen miles an hour. Apa e Kapa kufuneka ibaleke iyure enye imayile ezisibozo. Kaufanise apo!

ABANTSUNDU NAMA LAWU.—Lifile pakati kwabantsundu nama Lawu-Bastile, nditeta tyum mna, usuke uve umntu ontsundu akupata induku esiti kwowu ! ungake ubete i-Qeya. Nangoku nje into zonitatu zase Magquukwebeni zilibete elinye itshoba lala! umbete bekusedabini, ngoku zipambi kwemantyi; ezontlanga zitiyene.

ULANDIPASI KOMKULU.—Selefikile nalapa u Landipasi, seke sambona; inkomo ziyangewatywa. Ute qapu e Mowbray.

AMAHASHE AWÖDWA.—Into enye esimanga amahashe alapa zinkunzi akuko nkabi ngapandle kwemazi. U Mr. Mackenzie unamahashe amakulu ngangohlobo olusimang?, into ezimandla amnyama, namanqina azinto ezinkulu. INGXOXO YÖDÖDANA ÖLUBI KRISTU.—I Native Young Men’s Christian Association engena kwityalike yama Wesile antsundu ike yane ngxoxo enkulu kunene. Isizekabani “Lulobolo ” nje ngokuba inkomo zifile nje ngu Landipasi, nokuba yinto elungileyo na. Yeka

ke U Mr. G. Dambuzä ufunde ipepa ?????? gwebu, washiya angalaziyo ukuba ä?????lunganga, exaswa shushu ngu Mr. Gcishana. Elinye inene lifunde ipepa libonisa ukulunga nokufaneleka kwelisiko. Yeka ke mtundini, wateta umfo ka Mbasa ngobuciko obungaqelekileyo etetelela elisiko, watsho wati, (1) Kwaposiswa ukuti umntu uyatengwa, (2) Imika isidma, (3) Isisiko lobuhlobo, njalo-njalo. Kwateta nento zo Macanda, no Nkomo, no Bula, nabanye. Isabambene, sobuye sinazise isipelo sayo. Kungxamele ukuyola apa.

OHLUTWE INTLAKA EMLÖNYENI.—Oh ! hai betu, kuko enye indodana ebize intombi e Maxbseni fumu ukuba kutshata: nayo kwelilizwe yatumela imali, yadleka; suka yati yakufika intombi apasukepti yenye inxureleba. Siteta nje seyishweshiwe. Uleta ukuhlutwa intlaka emlonyeni? Ungeke ukunike umhlobo wako!

ÖKUGÖQBANA.—Bayabulalana mu “radan.” Ama Lau avuk injä, abulala namopolisa, nololiwe uyabagqiba ukubabulala.

ULUNGISELELO LWE KRESMESI.—Yeka, lixapetshu kulungiselelwa i Kresimesi. Ama Slamsi ayalungiselela mu, nama Lau abbelele ayalungiselela; anditeli nge venkile, de ziti zona ilokwe zosisi, yeka i umbrella, skate (imibaco), nemikono ekutiwa yi leg mutton, ne muslin zokutshata, i new fashion, ne pampado, no one piece, nezi zine yard ende ngasemva. Ndebala ntonina izifashini ngefashini nje?

AYAQÖBA AMAFULUKAKAZI E KAPA.—Ke ndabona ne Snow Pudding endingayaziyo, yenziwe yintombi yomntu ontsundu. Apa e Kapa ayipekwa, ivutwa nje. Igama layo yi snow pudding. Bendisazi nditi ga nge porcupine pudding. Hai le nam indiyoyotika. Siqubile apa e Kapa.

HALLO ÖLD CHAPPIE !—Kutiwa unina waye katsa inkwe ngokuti yone. Ite inkwe ngokuva uswazi yabaleka yangena pantsi kwe bedi. Ute kuba uyise ufuna inkwe ibetive waya ungena naye pantsi kwebedi efuna okuyirola. Ite inkwe yakubona uyise engena yavakala isiti, Hallo old chapoe ! is she after you too ?

UKUKUMSHA KWENXENYE. — Ndxielelwe ngomnye umfo uti ubage abafana bekumsha xa atomimye : Verily, verily,Sealake nkosi.—XAKATUGAGA, Ntsimbini yase Roma.

MAFEKING-

Sinosizi ukuti lamanqaku selenexesha afikayo:—

UMZI KA MÖNTSIOA.—Hayi kusahleliwe kweli lika Montsioa, into lilanga lipum’ amehlo ukubalela oku. Ke sabona ngo Mhleli we Mvo egqita apa ukusinga kwi Botwe lakwa Mzilikazi (Botwe) ekwile nedana into zo Ducksies. Kwammandi ukuke sixoxe naye i half yure. Ubehle wasetuluka sisaginy’ amate, kuba kaloku ubekwele kwi Sikekeke” se special train, sasala siwenze mrolo amehlo xa u “jujuju” ayakutishona emdeni ka Matlabama. Seva kammandi lomni. Waye umzi wasesi Tswaneni uman’ ukuti “ Ukayi muna Jabavu.”

AMEHLO ANGWENYE.—Nio inkulu apa zi timiti zo Mggibelo ezinomiso ; ongakifa umntjana no mlisela umehlo angwenye etyalikeni, knba kaloku akulalwanga nge pezulu kunyonyo o “Selenama” no “Hamb’ undilinda sigeodolo sam !

IZIKOLO ZANGÖKHILA ZIVADUMA.— Nto yimbi esivuyisayo, kukuba kungeko mzi ungena sikqlo sangokuhlwa apa, noko zikoyo ezinye zisengela kwi Head Teacher umfo wase Dikeni.

U ESAU WEZIMINI.—Abanonyana mabalumke ukuba vimba onyana lifila namalungelo obunyana. Litsho kuba sibono kwe ziveki ziluleleyo enye indoda iqengqwa nganyama ngomqala, watsho nkinté entanyeni lwhalanza uselwa. Ite yakubuzwa ematyaleni, yati ndimbulala kuba endivimba lifila. Umfana lowo ulindiselwe i Circuit Court.

ÖBALE “ EMVENI.”—Lento umntu yinto eti lomhla selifungile engqumbeni yayö ukuba ndoke ndimzize unanisi lo namhlanje;” suke itsho esisileni sehobe. Yaye kanjalo lento izinto ngobudenge ingenampumelelo. Abantu mabatate esi siteto siti “ Cinga pambi kokuba wenza okanye utete.” Nditsho kuba ke ndabona enye indoda na ibizwa ngu Postmaster eyibonisi *uhlazazi*. Iwepepa oluwele kwindoda ebi fungele ukuba unantsi lowo uqeshwi ngu Rulumente, ndite makagxotwi esembenzini; kuba utete ngam I MVENI eteta ngo Saul be 19th Century Lencwadi ayibhalileyo undimangele lowo ibe si Ngesi esifana nesö Xosa ehlekwe ngu Postmaster kwavela ne lomhlati. Ayi hoywanga bani loncwadi ihlekisa kunene. Umzalwana lowo ngeke alinge linga limbi mhlaimbi ku ngabetele.

ÖDLULELA PAMBILL. — Silusizi ukuba umhlobo wetu u Mr. David L. Ncapaj kuvakala ukuba umbuso wake umfudusela kwi Botwe lakwa Mzilikazi indodana ebulnecedo olukulu kwimisebenzi yo toliko kwi tyalike yama Wesile apa, ngenkutalo nangomoya opolileyo. Simnqwenela ihambo nempumelelo entle.

HAI IDYÖNGWANA ZANAMHLA.— Enje indodana ite yakucelwa ukuba mayi tate i Mvo, yati: Umi, uti mandiatlele elipepa lika Jabavu laka kunene laxabanisa umzi wase Dikeni? Iyakolwa ke namhla ukuba idyongwana leyo yogqoboka litate ipepa, kulo

kaloku ipepa ngoku lelika JABAVU no OKWE lo wokugqibela ngowase Dikeni e ugqibeni angeke alinge *avuxabanise* umzi wase Dikeni.

E ALVANI

ILANGA.—Libalele ilanga, kubi kunzima, kome ngohlobo olungaqelekileyo, impahla iyafa; ndingaseteti ngemfutshane, iyabutisa, ibulawa nakukungalumani manzi. Yimirozo impahla ela kwindawo ngendawo kuaingwa emajowweni, nalo ke olona lusizi; yaqityelwa ngo March invula. Kunzima nase bantwini ngecala lamanzi.

ILIZWI.-Ibandla lisahamba kakuhle lase Primitive pantsi komfundisi walo u Rev. J. Msikinya. Inemitandazo esingisela eluncedweni naskusongeni ulutsha nomntjana nabadala kwizinto ezininzi, esinenkolo ukuba iziqamo zoba zihle— linje? ngombonakalo okoyö. Bayabuya aboni kwilizwe lase buntyamama.

ITYALI.—Ezityalikeni ngati kuyakuba betele, kuloko intombi zivuse utuli lokwambata ityali elixa lishushu, litshisa ngokusitukutezi (wetu), ungakifa u Miss So and So ete wambu ngayo, nokuba yingubo yokulala tapu ngayo etyalikeni, (yimile), kuza kulalwa ? Ou ! hai, kwenzelwa igwada, ukuze umntu amane egwada etsihca, elixa umfundisi ashushu libe lelona xa umntu ashushu egwadeni. Hai, elisiko libi. Batinina abafundisi, akuko mieto na ongapelisa obu bubi.

IBHUNGA LÖMZI.—Kunzima, kubi kontsundu kulomzi, ngokungavunyelwa ukuba abantu bahlanganise amalongo endle; kutiwa ingca iyab iyia. Laye ke eh hilelengenä zinkunzi, kotwä lamalongo.

UMANYANO LWASE GÖLLI.—Lwaya pina Umanyano lwase Gqili, kutenina, kujongwe entweninina kwizinto zombuso, kuba selikufupi nexesha lokunyula, laye nelungu lingaziwa nelona lililo, eko u Sauer nabanye? Waye nomzi omkulu i-Herschel singeva ngxoxo yanto mayelana nolugqatso luzayo, Vukani!

E TSHETSHI. — Kusandul’ ukufezwa umsebenzi omhle e Tshetshi wokugangata indlu yenkonzo. Inamadoda anamandla ekushumayeleni, laye hlizwi lihamba kakuhle ke.

ISIKOLO. — Umongameli wesikolo se Primitive ngu Rev. John Msikinya kunye nabancedisi bake, kule Kwata ipelileyo siqube kakuhle ku Mhloli wokugqibela. Kufike ngoku ititshala entsha, u Mr. P. Lemeki. Kuhle ke.

UBUTEPMILE E ALVANI.—Le Tempile yapakati yavuselelwa ekuqalekeni konyaka omtsha, ibe ipantsi kwe Chief Templar Stephen Majombozi, owalibambayo elowonga kwada kwaba yikwata ephelleyo, waye engumfo onempembelelo, omoya mhle, nonolwazi nomonde ekuqubeni umhlambi wabazili; namhla uwushiya ukuma 81, kwaye kungayekanga ukumana kungena abotsha. Namhla ndibala nje amalungu afikile ekulwini, yaye lento ukuzila utywala inzima kulomzi wase Lusutu ngenxa ikakulu yelidala limxolo mde, utshele kulo umzi wase Gqili apa. Yeka, luyashiywa utshaba olungu Satana obumagosa ale kwata intsha Chief Templar, Bro. P. Lemeki; Vice Templar, Br. K. Novata; Secretary, Sister A. Klass; Treasurer, Bro. Z. Matlale; Chief, Bro. P. Phooko; Marsh., Bro. A. Mabote; I.G., Bro. Jno. Fihla ; O.G., Bro. Wm. Manaba; Assist. Marsh., Sister A. Matloma; P.C.T., Bro. Step. Majombozi; G. Sec., Bro. Jas. Smith.

IOELA LE TEMBA LABANTWANA. — U. mongameli walo ngu E. J. Smith, nalo licuma ngokumangalisayo, liqale lihncinane, namhla liji 87 laye nalo soloko langenisa.

KROONSTAD-

ÖKOMÄ.—Kuhle, kubi apa kuba invula ayiko, sayigqibela ebasika. Ilanga libalele ngendlela engena kuxelwa kwaye kunjalo nje abantu belitshise kakulihzwwe, kuba namhlanje limhlope kukutsha ilanga. Imisebenzi ilukuni kukatoku nje, imali iya isihla. Akukalinywa.

ÖFELE E PITSIINI.—Kubonwe into engazanga ibonwe. Ngomhla we 16 November, 1897, kubube umntu kule Komponi. Waza ukumka kwake wesuka wapuma endlwini, akavuma mntu uya kuye. Kwaye kuko amapitsi amaninzi. Wesuka wela pakati kwelinye wahlala apo imtsuku ezisibozo. Kute ke akubonakala ngosuku lwesibozo samkupa epitsini apo.

Mr. Isaac Horner, uminni we Burton House, Burton, N.V., nomnye wamadoda awaziwa kakulu kwelo upitliswe kwengangqambo emva kokugula lonyaka emitatu, uti; Andinamazwi aneleyo endingafika ndiyibeke ngawo intlungu endayivayo, amagqira am andityela ukuba akukonto ndinokwenzelwa yona, zaye nezihlobo zam zancama zisezindlele ukuti kukufa kodwa into eyondkukhala kwezi ntlungu. Ngo June, 1894, u Mr. Evans, owaye ngu. mtengisi ngoloxesha we Wheeling Drug -acébisa ukuba ndilinge eliki Chamberlain Lokuhlukhla. Ngeloxesha unvawo lwam nomlenze wadumba e kakulu wangati umlenze uzakugqabuka, kute kamsinyane ndiqale ukusebenzisa elika Chamberlain Lokuhlukhla 5, kwadamba ukudumba, nentlungu zeka’ ngoku ndiziva ndipilele. Lika Lumsden & Co wase Qonce

